Masidlale, sifunde ze sikhule kunye

Mna!

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

unicef
for every child

Mna ndindim. Ndikhethekile. Usapho lwam luyandithanda kakhulu.

Xa umntwana elusana, ubona, uva kwaye afunde izinto ezininzi.

Inkoliso yokukhula yenzeka ekuzalweni kwakhe kuye kwisithathu.

Amava akhayo, njengokuwola nokuthetha, kunegalelo ekukhuleni kwengqondo yomntwana.

Masibawole sithethe nabantwana bethu yonke imihla!

Ndinegama elimnandi. Likhethekile.

Abantwana kudingeka bawaxabise amagama abo.

Abantwana bayathanda ukuzoba imifanekiso yabo ubuqu.

Abantwana bamelwe kukuxelelwa ukuba kungani na amagama abo ekhethekile nje.

Abantwana masibaxelele amabali angabo nangamagama abo.

Ndingumntwana waseMzantsi Afrika.

Abantwana bamelwe kukufundiswa ngeesimboli zaseMzantsi Afrika.

Wonke umntwana waseMzantsi Afrika umelwe ku-kuba nesatifiketi sokuzalwa.

Abantwana bamelwe kukufundiswa kusekwangoko kubomi babo malunga nokuba bangobani na eMzantsi Afrika.

Masithethe nabantwana bethu ngamafa abo emveli, kwanokuba bavela phi na eMzantsi Afrika!

Ukutya okusempilweni kunceda ingqondo yam ikhule ibe nkulu futhi yomelele!

Ingqondo yomntwana ikhula ngokukhawuleza ukusuka ekuzalweni ukuya kwiminyaka emithathu.

Isondlo esilungileyo sibaluleke kakhulu ekukhuleni kwengqondo.

Wonke umntwana umelwe kukuba nokutya oku-ninzi okunesondlo yonke imihla.

Masinike abantwana bethu ukutya okulungiswe kakuhle nokusempilweni yonke imihla!

Ndingalunceda usapho lwam.

Abantwana abancinci maxawambi bayathanda ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana yasekhaya.

Abantwana abancinci abasoloko bezazi iindima zabo zesini.

Abantwana bayakonwabela ukuba yinxalenye yemisebenzi yosapho ngendlela yokudlala.

Masibakhuthaze abantwana bethu badlale ngekhaya!

Xa ndigula, usapho lwam luyandigcina.

Abantwana abaseziintsana bafumana amakhadi abo “eNdlela eya eMpilweni”.

Abazali bamelwe kukugcina ikhadi “leNdlela eya eMpilweni” kwindawo ekhuselekileyo.

Abantwana abancinci bamelwe kukusiwa kwizi-bonelelo zamayeza ukuze kukhangelwe impilo nogonyo oluyimfuneko.

Masiqinisekise ukuba abantwana bethu bafumana ukhangelo lwempilo rhoqo.

Ndiyathanda ukuzoba, nokupeyinta, noku“bhala”.

Xa abantwana beqala ukufunda ukuhlala, banga-bamba izinti neepensile.

Kwasebuncinaneni, abantwana abancinci bayathanda ukubhala amarhoqololo phezu kwezinto.

Abantwana baziva bekhuthazekile ukuphuhlisa izakhono zabo zokubhala xa benconywa ngokubhala am-arhoqololo, ukuzoba okanye ukupeyinta.

Masibonelele abantwana bethu ngamathuba okubhala amarhoqololo, ukupeyinta okanye ukuzoba.

Ndiyathanda ukudlala ngamanani nangeepateni.

Xa befunda ukuthetha, abantwana bayathanda ukubala izinto ezibangqongileyo.

Abantwana bachonga iipateni neemilo ezikoku-bangqongileyo.

Ngokumatanisa imisebenzi, abantwana banga-wanakana amanani neemilo.

Masizobe futhi sithethe ngeepateni neemilo kunye nabantwana bethu.

Ndiyathanda ukumamela amabali!



Abantwana bayathanda ukubaliselwa amabali.

Amabali anokuba ngeentsapho zabo, anokuba nga-bo ubuqu, okanye apho luhlala khona usapho.

Abantwana bayonwaba xa befundelwa amabali.

Masichithe ixesha sifundela futhi sibalisela abantwana bethu amabali.

Ndiyathanda ukuthetha nokucula nokuhleka.

Ukucula kukhuthaza abantwana bafunde amagama amatsha.

Ukudanisa kungasetyenziswa njengendlela yokuthamba kwabantwana.

Ukuthetha nabantwana kuyabanceda bakhule uku-zazi bona.

Masifumane ixesha lokuthetha, ukucula nokudanisa nabantwana babo!

Masidlale, sifunde ze sikhule kunye



isangqa

Original English text by *Margaret Irvine* (commissioned by the DBE and UNICEF) • Photos and artwork: Shutterstock
Department of Basic Education, Directorate: Early Childhood Development, Private Bag X895, Pretoria, 0001 (www.education.gov.za)
UNICEF, P.O. Box 4884, Pretoria 0001, Republic of South Africa (www.unicef.org/southafrica)